higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha lesibini)

NQF LEVEL 4

(4101244)

3 Novemba 2022 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha amane.

036Q2N2203

IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 120

INSTRUCTIONS AND INFORMATION

1. Eli phepha linamaCANDELO AMABINI.

   ICANDELO A: Imihlathi emibini. **[50]**

   ICANDELO B: Imihlathi emide emibini **[70]**

2. Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.
3. Phendula yonke imibuzo.
4. Funda yonke imibuzo ngocoselelo.
5. Iimpendulo zinombole ngendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha.
6. Bhala ngokucocekileyo nangokubonakalayo.

ICANDELO A

UMBUZO 1

ILETA ESESIKWENI

Bhala umhlathi onamagama ali-120 ukuya kwi-180.

Bhala ileta eya kuMphathi weZiko iPRETORIA TVET COLLEGE njengamntu omele iqumrhu labafundi, ucele inkxaso-mali yomnyhadala wabafundi.

Bhala umhlathi onamagama angama-250 ukuya kwama-350. **[20]**

UMBUZO 2: ISIVI

Bhala isivi yesicelo salo msebenzi obhengeziweyo ngezantsi: **[30]**

ISITHUBA SOKUBA LIGOSA LENDLELA

Uxanduva lwalo msebenzi kukuqinisekisa ukuba:

- Izithuthi zisemgangathweni wokuba sendleleni.
- Abaqhubi baqhuba ngamaphepha okuqhuba asemthethweni.
- Abaqhubi bathwele inani elivumelekileyo labakhweli.
- Isantya esivumelekileyo sokuqhuba.

Iziqinisekiso zemfundo

- Ibanga leshumi elinambini kwakunye nesetifikethi sediploma yobugosa bendlela.
- Isiqinisekiso sokuqhuba.

Amava

- Ukukwazi ukuthetha nokusebenzisana nabantu
- Ubuchule bokusebenzisa iteknoloji
- Kulindeleke umntu onamava eminyaka emithathu kulo msebenzi

Thumela isivi kwakunye neleta ekhaphayo ku:

Nkosazana B. Bulumko, HR Manejala, Ekurhuleni Municipality, P.O. Box 1876, PRETORIA, 0012. Isivi neleta eyikhaphaphayo mayithunyelwe ngaphambi komhla we-20 Oktobha 2021

Abagqatswa abaphumeleleyo bayakuqalisa ukusebenza ngomhla wokuqala kuDisemba 2021

Qwalasela oku, udliwanondlebe luyakuchotshelwa ngabo bagqatswa bakhethiweyo kwaye bazakwaziswa ngomhla wesi-4 kuNovemba 2021.

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B

UMBUZO 3: IRIVYU

Bhala umhlathi onamagama angama-250 ukuya kwama-350.

Bhala iryvu ngencwadi obuyifunda ngexesha iintshukumo bezimiswe ngxi eMzantsi Africa. **[30]**

UMBUZO 4: INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba ngemini yentengiso eyayibanjelwe kwiziko lesikolo sakho ngomhla wama-22 kuSeptemba 2021. **[40]**

AMANQAKU ECANDELO B: 70
AMANQAKU EWONKE: 120